

Thethani, dlalani kwaye nifundisane

Ukuxhasa ulwimi kuselithuba kunye nokufunda nokubhala: Isikhokelo sabasebenzi be-ECD kunye nabazali

Abantwana bazalwa befuna ukufunda kwaye nkqu neentsana zisebenzisa iimvakalelo ekuphononongeni izinto ezizingqongileyo. Inkqubela yokukhula kwabantwana kwiminyaka yokuqala ibalulekile kuba isisiseko sokufunda nentlalontle yexesha elizayo.

Abazali kunye nabasebenzi be-ECD ngootitshala bokuqala babantwana. Nangona nje iintsana nabantwana abancinane benako ukufumanisa izinto ngokwabo, ukuze bafunde kwaye baqhubele phambili, badinga uthando nobubele.

Uthando olunobubele luxhasa uphuhliso lwentetho, kwaye intetho ibalulekile ekufundeni ngezinto ezibangqongileyo kunye nokubhala nokufunda beselula. Ukufunda ukubhala nokufunda kubandakanya izakhono ezahlukeneyo nokuqonda, kwaye abantwana badinga amathuba okuphuhlisa ezi zakhono phambi kokuba baqalise esikolweni. Zininzi izinto abanakekeli abanganceda ngazo, kwaye esi sikhokelo sinika amacebo neembono.

Kutheni kubalulekile oku?

Iintsana ziqalisa ukufunda nokunxibelelana zigqiba nje ukuzalwa, phambi kokuba ziqalise ukuthetha.

Abantwana badinga ulwimi ukuze bakhe ubudlelwane obuqinileyo baqonde nangezinto ezibangqongileyo. Ulwimi sisiseko sazo zonke iintlobo zokufunda izinto ezintsha.


Nkqu naphambi kokuqalisa isikolo, abantwana bazuza izakhono ezahlukeneyo nokuqonda izinto ezizakubancedisa ukuba ngabafundi nababhali.

Abantwana abaqalisa u-Grade R benezakhono ezingundoqo zokuqala zolwimi bancedeka kakhulu ze baqhube kakuhle esikolweni.




Abanakekeli bangenza umahluko omkhulu ngokuthetha, ukudlala nokubalisela abantwana abancinane amabali nokubafundela iincwadi, besebenzisa ulwimi lwabo lweenkobe.

Indlela abantwana abafunda ngayo



Ukuthetha nokumamela



Ukudlala



Ukonwabela amabali neencwadi



Ukwenza



Ukuphonononga



Ukucula ngokuhamba-hamba



Kuyo yonke indawo, ngamaxesha onke...

Amacebo okuthetha

- Xa uthetha nabantwana, bajonge, zilinganise nabo kwaye ubabize ngamagama wabo.
- Kuphendule qho ukubhibhidla kweentsana kunye nokuthetha kwabantwana.
- Mamelisisa, balinde abantwana bagqibe ukuthetha kwaye nilindane.
- Yithethe into oyicingayo kwaye uthethe nangento oyenzayo.
- Buza imibuzo eneempendulo ezinamagama angaphezulu kwesinye okanye kwesibini.
- Thetha nabantwana ngemidlalo nezimvo zabo.
- Veza amagama amatsha nezimvo ngokwakhela kosekuthethwe ngumntwana.
- Landela umdla womntwana uze uphawule ngakwenzayo.

Kutheni abantwana kufuneka bazive bexatyisiwe

Ubudlelwane bothando ziintsika zako konke ukufunda. Xa abantwana beziva bekhathalelwe kwaye bekhuselekile, oko kunceda iingqondo zabo zikhule kakuhle. Abantwana abaziva bonwabile bafunda kakuhle – bonwabile, badala abahlobo lula, kwaye bamelana lula neengxaki. Ngoko ke, ngokubamamela abantwana nokubakhuthaza, nangokuba nobubele, udlala indima engundoqo kuphuhliso nokufunda kwabo.

Iimbono kumaxesha wamabali

- Zama ukubanexesha elikhethekileyo lamabali nikunye yonke imihla, nkqu neentsana.
- Amabali emveli okanye amabali osapho ngezinto ezenzeke ngokwenyani. Abantwana bayawathanda amabali ngabantu neendawo abazaziyo.
- Yenza ixesha lamabali libe lixesha LOLONWABO ukuncokola kunye nemibuzo.
- Zama ukusebenzisa amazwi awohlukeneyo neentshukumo ukuze ibali libenomdla.
- Ukubangaba usebenzisa incwadi yamabali, abantwana mababone imifanekiso.
- Vumela abantwana bazibambe iincwadi zamabali batyhile amaphepha ngesantya esithandwa ngabo!
- Zinike ixesha uwachaze amagama okanye iimbono ocinga ukuba abantwana abaziqondi.
- Libuyele ibali, ekugqibeleni ubuze imibuzo efana nethi 'kutheni...?' kwaye 'kungenzeka ntoni xa...?'
- Kulungile ukuphinda-phinda ibali elinye. Ukuphinda-phinda kuluncedo ekufundeni.

Iindlela ezilula zokuxhasa ukufunda

- Bayeke abantwana balinge izinto ezintsha, bazizamele izinto kwaye basombulule iingxaki.
- Bakhuthaze ngamandla.
- Nceda abantwana bacinge kwaye babonakalise, ngokubabuza imibuzo nangokuphawula.
- Bayeke abantwana benze iimpazamo – yindlela enkulu yokufunda!
- Nceda abantwana banxulumanise izinto abazaziyo kunye nabazifumanisayo.
- Zama ukunika abantwana ixesha lokugqiba izinto abazenzayo.
- Khuthaza abantwana badlale kwaye basebenzisane nabanye.
- Yeka abantwana bayiphinde imidlalo nezinto abazenzayo kangangoko befuna.

Ndiyakhula, ndiyafunda, ndiyathetha

Ekuzalweni
ukuya
kwiinyanga
ezili 18

- Ndizama ukunxibelelana ngeendlela ezininzi, ndisebenzisa izandi nokulinganisa.
- Ndiyathanda ukukumamela uthetha kunye nokubuka ubuso bakho.
- Ndiyawaqonda amagama athile namabinza athile.
- Ndiyayithanda imidlalo kunye neengoma ngakumbi xa zineentshukumo.



Unyaka
o 1 ukuya
kwemi 2

- Ndiyazama ukuthetha amagama athile nkqu namabinzana amafutshane.
- Ndiyadana xa ungandimameli kwaye undive.
- Ndifunda amagama amatsha kwamsinyane, nokubangaba andikwazi ukuwathetha.
- Ndiyazithanda iingoma kunye neentshukumo.



Iminyaka
emi 2
ukuya
kwemi 3

- Ndithetha amagama amaninzi kwaye ndiyaqalisa ukusebenzisa izivakalisi ezinde.
- Ndingafumanisa ezinye izandi zinzima ukuzibiza ngokuchanekileyo.
- Ndiyayonwabela incoko nabantu abadala endibazi kakuhle.
- Ndibuza imibuzo yokundinceda ndifumanise izinto.
- Ndiyakuthanda ukujonga iincwadi kwaye ndithethe ngemifanekiso.



Iminyaka
emi 3
ukuya
kwemi 4

- Ndingathetha kwaye ndiqonde izivakalisi ezinzima.
- Ndisebenzisa intetho ukudlala nabanye abantwana.
- Ndingathetha ngezinto endizenzileyo nendiceba ukuzenza.
- Ndibuza imibuzo emininzi ethi 'kutheni?'
- Ndingamamela amabali amade kwaye ndithethe ngendikuvileyo.



Iminyaka
emi 4
ukuya
kwemi 5

- Ndithabatha inxaxheba kwiincoko ezinde.
- Ndingakuvakalisa endikudingayo kwaye ndisebenzisane nabanye.
- Ndisebenzisa ulwimi ukundinceda ndicinge kwaye ndisombulule izinto.
- Ndibangcono ekumameleni nasekuqwalaseleni.
- Ndiyakuthanda ukufunda iincwadi nabanye, ukubuza imibuzo nokulinganisa ukufunda.



Abantwana baphuhla ngezantya ezahlukeneyo kwaye nangeendlela ezahlukeneyo. Abanye abantwana bangazenza ezi zinto ziboniswe ngasentla kuselithuba okanye emva kwexesha. Ukubangaba uxhalabile ngomntwana omnakekelayo, thetha nonontlalontle, indwendwe lezempilo okanye iiklinikhi.

Indlela abantu abadala abangaxhasa ngayo ukuqalisa kolwimi kunye nokubhala nokufunda



Thetha kwaye umamele

Ngokubhibhidla, ukuthetha, ukumamela nangokumanyelwa, abantwana bafunda amagama nendlela yokunxibelelana.

Landela into enika umdla kusana okanye emntwaneni kwaye uphendule ngokuphawula, ubuze imibuzo kwaye umamelisise. Thetha ngezinto ozicingayo nangezinto ozenzayo.



Nceda abantwana badlale

Umdlalo lunonwabo kwaye yindlela eyeyona iyindalo kakhulu yokufunda ebantwaneni. Ukulinganisa umdlalo yeyona kanye indlela elungileyo yabantwana yokuphuhlisa ulwimi lwabo.

Khuthaza abantwana badlale kwaye ubayeke bakhokele kwimidlalo yabo. Nika abantwana izixhobo ezilula, ezinjengomnqwazi okanye ibhokisi, ukuze ukhuthaze balinganise imidlalo. Ngelilixa udlala nabo, velisa ulwimi olutsha nezimvo ezintsha.



Babalisele amabali kwaye ubafundele iincwadi

Ukubalisa nokufunda amabali kudala amathuba amaninzi wokufunda, njengoko abantwana besiva amagama amatsha.

Bandakanya abantwana ekubaliseni amabali ngokuncokola kanobom. Zamkele iziphawulo zabantwana kwaye ubancede bayamanise ibali kwiintlobo zabo kwaye bacinge ngokwenzekayo.



Yonwabela iingoma neentshukumo zayo

Abantwana bayazithanda iintshukumo kunye nomculo kuba ziindlela zolonwabo zokwenza abantwana bavakalise izimvo zabo kwaye bave nokusebenzisa ulwimi olutsha.

Cula iingoma kwaye uyilinganise ngeentshukumo rhoqo – nkqu nabantwana abancinane bayakungenelela nabo bashukumele ingoma abayithandayo.



Babonise okubhaliweyo

Xa abantwana beqaphela imibhalo kwiindawo abakuzo batsho baqonde ukuba yintetho ebhaliweyo. Abantwana babanomdla wokubhala xa bebona ukuba kwenzelwe ntoni.

Khomba imibhalo kwiilebuli neempawu kunye nakwiincwadi zamabali, ukhuthaze abantwana ukubangaba bazama 'ukufunda'. Nceda abantwana baphawule oonobumba, ngakumbi oonobumba bokuqala bamagama wabo.



Xhasa imizobo nemikrwelo

Abantwana bayakuthanda ukuzoba nokudyobha. Ukuzoba yindlela yokubonisa izinto esizibonayo okanye ezisezingqondweni zethu. Oku kufana nendlela ukubhala okusebenza ngayo.

Nceda abantwana baqaphele ukuba zinjani na izinto kwaye ubakhuthaze bazobe abakubonayo. Cela abantwana bakuxelele abakuzobileyo kwaye ubakhuthaze.




Bakhuthaza ukugalisa ukubhala besebancinci

Iinzame zokuqala zabantwana zokubhala zingakhangeleka ziyimikrwelo nje. Kubalulekile ukuba abantu abadala bakhuthaze, kwaye bangazihlabi amadlala ezi nzame.

Abantwana mabakubone ubhala kwaye ubabhalele amagama abawavelisayo. Banike abantwana izinto zokubhalela balinganise kuzo ukubhala xa bedlala. Nceda abantwana babhale amagama wabo.

Ukuphuhlisa abafundi nababhali bakho abatsha



La masebe abonisa izakhono ezahlukeneyo nokuqonda okudingwa ngabantwana ukuze babengabafundi nababhali. Ezi zakhono zivela besebancinci phambi kokuba abantwana baqalise isikolo.

Ukwazi amagama nokuqonda kuthetha ukuba abantwana bayawaqonda amagama nezivakalisi kwaye bayakwazi ukuwasebenzisa.

Ukubalisa nokuchaza zithetha
ukuba abantwana babalisa amabali
ngokuthetha, bayachaza kwaye bacacise.

Ukonwabela iincwadi kuthetha ukuba abantwana babona iincwadi nezinto ezibhaliweyo ziluncedo kwaye zisonwabisa.

Ukwazi ngokubhaliweyo kuthetha ukuba abantwana babona iincwadi nezinto ezibhaliweyo ziluncedo kwaye zisonwabisa.

Ukuzoba nokubhala kuthetha ukuba abantwana basebenzisa imizobo, iimpawu kwaye balinganise ukubhala ukuze babonise into ethile.

Ukwazi ngezandi kumagama kuthetha ukuba abantwana bangaziva izandi ezahlukeneyo ezenza amagama.

Ulwazi ngoonobumba kuthetha ukuba abantwana bangabaqonda abanye oonobumba kwaye babhale oonobumba abathile.

Isikhuni sibonisa izakhono zokufunda.

Ukuze abantwana bafunde kakuhle, badinga izakhono ezibalulekileyo ngokubanzi. Ezi zakhono zibandakanya ukwazi ukuzinzisa ingqondo, balungelelanise iingcinga zabo, babambe iindidi ezahlukeneyo zenkcazelo ezingqondweni zabo kwaye balawule iimvakalelo zabo.

Abanakeli banganceda abantwana bazinzise ingqondo ngokuqinisekisa ukuba izinto abazenzayo zikwinqanaba elifanelekileyo lobunzima nangokulungelelanisa izinto abazenzayo. Abanakeli banceda abantwana benze umsebenzi obalulekileyo wengqondo xa bebakhuthaza bacinge ngezinto eziphambili, babonise kwaye baqwalasele indlela ezahlukeneyo zokwenza izinto. Xa abantwana bekhuthazwa, bafunda ukunyamezela kwaye bayakuba ngabafundi abanomdla!

Iingcambu zibonisa iindlela abantwana abafunda ngazo.

Xa abantwana benethuba lokwenza ezi zinto, inkqubo yokufunda ilulonwabo kwaye iyafanelana nobomi babo. Oku kuthetha ukuba bazakukukhumbula kwaye bakusebenzise oko bakufundile.